Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND
P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

JULAYI 2017

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

UHLAHLO-LWABIWO-MALI LOKUQALA LUKASODOLOPHU USMITH LWAMKELWE NGAMXHEL' OMNYE

Okokuqala kwiminyaka emininzi, uhlahlo-lwabiwo-mali lwango-2017/2018 lukamasipala, luthe lwaphunyezwa ngamxhel' omnye liBhunga, ngowama-31 kuMeyi 2017. Ebebekho ngexesha lale ntlanganiso ngooCeba bonke, amalungu oluntu namagosa. Uhlahlo-lwabiwo-mali olutsha lukamasipala nesiCwangciso soPhuhliso esiHlangeneyo (sifinyezwe njenge-IDP) siya kusebenza ukusuka ngowo-01 kuJulayi 2017 ukuya kutsho ngowama-30 Juni 2018. Abahlali ngabaziphendla iikopi ze-IDP ephunyeziweyo namaxwebhu ohlahlo-lwabiwo-mali kwiioffisi zabo bonke abaPhathi beeNgingqi, amathala eencwadi angaphakathi kummandla kamasipala nakwiwebhusayithi kamasipala **(www.overstrand.gov.za - click on strategic documents, then on budget or IDP)**.

Kule ngxelo yakhe ngohlahlo-lwabiwo-mali, uSodolophu ngokwesiGqeba soLawulo uRudolph Smith uphawule ukuba uhlahlo-lwabiwo-mali lwangowama-2017/2018 luya kuba sisixa-mali se-R1,135 yeebhiliyoni, nalapho ama-R97,6 yezigidi aya kusetyenziselwa inkcitho enkulu ukuze i-R1,038 yeebhilliyoni yona isetyenziselwe iinjongo zemisebenzi kamasipala.

Imithombo yezimali yeeprokjethi ezinkulu iya kuvela kwizimali zesibonelelo ezikwisixa sesigidi ezingama-R47,8 kunye nemali yethu singumasipala ekwisixa sezigidi ezingama-R49,8, nalapho izigidi ezingama-R30 ziya kufunyanwa kwimali-mboleko yangaphandle.

Esenza intetho kule ntlanganiso, uSodolophu ngokwesiGqeba soLawulo uthe: "I-IDP yeminyaka emihlanu ikhatshwa yingxelo yohlahlo-lwabiwo-mali iya kusetyenziswa njengomkhombandlela kwiinkonzo zophuhliso lwezakhiwo nezixhobo njengoko bezibekwe phambili kwinkqubo yentatho-nxaxheba.

Ndiyazingca ngokunika ingxelo yokuba umasipala wethu useza kuqhubeka njengequmrhu eliluqilima elijolise kuluntu neliziqhelanise nonikezelo lweenkonzo.

Ngokunxulumane noko, ama-50% ohlahlo-lwabiwo-mali lwengeniso lwethu luthe lwanikwa iinkonzo ezingundoqo. Malunga ne-19% linikezelwe kuphuhliso loqoqosho nokuphuculwa kwentlalo; i-10% liye kukhathelelo lwendalo esingqongileyo ukuba ibe yekhuselekileyo nesempilweni ukuze ama-21% achithwe ekukhuthazeni ulawulo oluselubala, olucocekileyo nolulungileyo.

Ukongeza kule nkcitho yemisebenzi kamasipala ingentla, ama-65% ohlahlo-lwabiwo-mali lwethu olukhulu abelwe izibonelelo zabahlwempuzekileyo.

Olu luphawu olucacileyo lwexabiso esilinika abantu esibakhonzayo nabenza uluntu lwethu.

Sifuna ukuba iOverstrand ibe yindawo apho abantu bangathanda ukuhlala nokusebenza khona, sifuna ukunika isiqinisekiso kubo bonke abahlala apha sokuba intlalo yale ndawo ikumgangatho olungileyo wokuphila.

Nangona kunjalo, siya kudinga inkxaso eqhubekekayo nentsebenziswano yoluntu ukuqinisekisa ukuba iinjongo ezikula maxwebhu zisisa phambili.

Ngako oko, olu asiloxwebhu lumi ndawonye oluneenjongo eziminkqi, kodwalungaluxwebhu oluphilayo olugcine iinqobo nemithethosiseko ehlangeneyo emiselwe ngumasipala wethu.

Ngala maxwebhu sifuna ukubonisa akuba siyakhathala, siyakhonza kwaye singabalapha kwaye sikhuthaza uluntu lwethu ngokubanzi ukuba lungasibek' iliso nje ekugcineni ezi nqobo, kodwa lusincedise ukufezekisa imbono yethu.

Ndifuna ukuqukumbela ngombulelo kuluntu lwethu ngokuthabatha inxaxheba kwinkqubo nokuqinisekisa ukuba iinjongo zezicwangciso-qhinga zethu zinceda uluntu lwethu apho kukho imfuneko khona.

Ndingathanda kwakhona ukubhekisa amazwi ombulelo kubaPhathi beOverstrand ngokuqulunqa amaxwebhu aquka ngokubanzi nokuthi bajonge ukuba afezekiswa ngendlela engenankcitho, ingqwalasela nokuzibophelela okuyimfuneko.

Okugqibela, ndithanda ukubulela koogxa bam abangooceba ngokubonakalisa umanyano kule nkqubo beqinisekisa ukuba eli xwebhu linxulunyaniswa nezidingo zalo lonke uluntu lwethu."

LUPHUNYEZIWE UHLAHLO-LWABIWO-MALI LWE-R1,135 YEEBHILIYONI LOMNYAKA-MALI WAMA-2017/18

IBhunga elipheleleyo loMasipala wase-Overstrand liphumeze ngamxhel' omnye isiCwangciso soPhuhliso oluHlangeneyo kunye nohlahlo-lwabiwo-mali lwebhiliyoni e-R1,135 lomnyaka-mali wama-2017/18.

Uhlahlo-lwabiwo-mali lulonke luquka uhlahlo-lwabiwo-mali olukhulu lweebhiliyoni ezingama-R97,6 nohlahlo-lwabiwo-mali lwemisebenzi lwe-R1,038 yebhiliyoni.

Ngaphandle kweentlawulo zeepropati eziya kunyuka nge-7,4%, ezinye iintlawulo zeenkonzo ziza kunyuka ngomyinge we-6%. Iintlawulo zokusetyenziswa kombane ziya kunyuka ngobukhulu obufikelela kwi-1,88%.

Intlawulo ye-6kl zokuqala zamanzi inyuka nge-11,5% okanye i-R0,46 yeesenti nge-1000 lelitha zamanzi. Imizi ehluphekileyo iya kuqhubeka ifumana i-6kl zamanzi mahala rhoqo ngenyanga.

UHLAHLO-LWABIWO-MALI LOKWENZA INGENISO KWIMISEBENZI KAMASIPALA

Ingeniso yemisebenzi iyonke ikwisixa sezigidi ezingama-R993,2, nenentsilela yohlahlo-lwabiwo-mali lwezigidi ezingama-R44,6.

Intsilela yenziwe zizinto eziyokheshi ezinjengokuhla kwexabiso lento, izibonelelo zeenzuzo yomhlalaphantsi kunye nokungahlawulwa kwamatyala emidliwo yezendlela emalunga-R160 802 798, nalapho inxalenye enkulu yokwehla kwamaxabiso inxulumene nempahla engathengiswayo ikukufezekiswa kwe-GRAP. "Oku thetha ukuba, ngaphandle kwentsilela, uhlahlo-lwabiwo-mali lwethu lusekelwe ngokuphelelelyo kwikheshi, nanjengoko kuthe kwangqinwa oko nguNondyebo wePhondo xa bebephendla uhlahlo-lwabiwo-mali olutsha, "utshilo uSodolophu uSmith.

Izimali zohlahlo-lwabiwo-mali lwemisebenzi lwangowama-2017/18 ziya kufumaneka kwimithombo eyahlukeneyo. Oku kuquka ukuhlawuliswa kweenkonzo ezinjengombane, amanzi, ugutyulo nokuqokelelwa kwenkukuma.

Omnye wemithombo ophambili wezimali ubandakanya iintlawuliso zeepropati kwakunye nezibonelelo nezimali ezivela kurhulumente kaZwelonke nowePhondo.

UHLAHLO-LWABIWO-MALI OLUKHULU

Uhlahlo-lwabiwo-mali olukhulu lwango-2017/18 lumalunga nezigidi ezingama-R97,6 ne-13% xa kuthelekiswa nokulungelelaniswa kohlahlo-lwabiwo-mali lwango-2016/17.

Oku kuquka isixa-mali se-R1 632 000 ebesiphawulelwe ukudluliselwa kunyaka olandelayo sisuka kumnyaka-mali wama-2016/17, kwakunye nokucuthwa kwezimali ezibonelelwa kulwakhiwo lwezindlu nolwathi lwadluliselwa kumnyaka-mali ka-2016/17 kunye nokubekelwa phambili kunizekelo-mali lwango-2017/18.

Isixa-mali sezigidi ezisi-R7,8 sohlahlo-lwabiwo-mali olukhulu siya kusetyenziselwa ukuthenga izithuthi ezintsha ezivela kwi-zimali zethu.

INKCITHO-MALI NGOKOHLOBO LWAYO

1.	ImiVuzo nemiRholo	333 225 000
2.	ImiVuzo yooCeba	10 053 000
3.	Ukunciphisa amatyala	22 792 000
4.	Ukunciphisa ukwehla kwamaxabiso empahla	130 287 000
5.	Iintlawulo zezimali	47 440 000
6.	Ukuthengwa ngokwesininzi	211 447 000
	IYONKE	**1 037 801 000**





IMITHOMBO YENGENISO

1.	Iintlawuliso zeepropati	212 784 000
2.	Umbane	339 249 000
3.	Amanzi	114 494 000
4.	Ugutyulo	67 869 000
5.	Inkukuma	55 388 000
6.	Iintlawuliso zeeNkonzo	647 000
	IYONKE	**993 217 000**

IIAKHAWUNTI ZIKAMASIPALA: INGABA ZIYA KUBONAKALA NJANI IIAKHAWUNTI ZENYANGA ZIKAMASIPALA NGOWAMA-2017/18

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - INDAWO YOKUHLALA ENYE NGOWAMA-2017/18

Usetyenziso oliphezulu lombane lweemitha ezihlawulelwa kwangaphambili Ixabiso: R3 500 000	Unyaka 2016/17	Unyaka 2017/18	Ukunyusa/Ukwehla isixa-mali	%
Intlawulo	1 090,20	1 170,87	80,67	7,40
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu: **SE7A1+SE8A**	505,95	536,30	30,35	6,00
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	41,70	0,00	0,00
Inkukuma **1x ngeveki**	146,26	155,04	8,78	6,00
Amanzi 50 kℓ	961,68	1 020,70	59,03	6,14
iVAT	231,78	245,52	13,74	5,93
INXENYE IYONKE	**2 977,57**	**3 170,15**	**192,58**	**6,47**
Initha yombane ehlawulelwa kwangaphambili 1500kWh	2 609,75	2 659,14	49,40	1,89
iVAT	365,36	372,28	6,92	1,89
IYONKE	**5 952,68**	**6 201,57**	**248,89**	**4,18**
HPP ukuba iyangena	*109,02*	*117,09*	*8,07*	*7,40*

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - INDAWO YOKUHLALA ENYE NGOWAMA-2017/18

Usetyenziso kuqoqosho oluphantsi (ubuhlwempu) Ixabiso: R100 000	Unyaka 2016/17	Unyaka 2017/18	Ukunyusa/Ukwehla isixa-mali	%
Intlawulo	15,80	16,97	1,17	7,40
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu: **SE7A1**	32,28	34,22	1,94	6,00
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	41,70	0,00	0,00
Inkukuma **1x ngeveki**	0,00	0,00	0,00	0,00
Amanzi 10 kℓ	38,64	40,96	2,32	6,00
iVAT	15,77	16,36	0,60	3,78
INXENYE IYONKE	**144,19**	**150,21**	**6,02**	**4,18**
Imitha yombane ehlawulelwa kwangaphambili 350kWh	351,58	351,05	-0,53	-0,15
iVAT	49,22	49,15	-0,07	-0,15
IYONKE	**544,99**	**550,41**	**5,42**	**0,99**
HPP ukuba iyangena				

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - INDAWO YOKUHLALA ENYE NGOWAMA-2017/18

Usetyenziso oluphakathi lombane lweemitha zombane ezihlawulelwa kwangaphambili Ixabiso: R25 000 00	Unyaka 2016/17	Unyaka 2017/18	Ukunyusa/Ukwehla isixa-mali	%
Intlawulo	774,20	831,49	57,29	7,40
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu: **SE7A1+SE8A**	304,18	322,42	18,25	6,00
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	41,70	0,00	0,00
Inkukuma **1x ngeveki**	146,26	155,04	8,78	6,00
Amanzi 25 kℓ	364,75	387,97	23,22	6,37
iVAT	119,96	127,00	7,04	5,86
INXENYE IYONKE	**1 751,05**	**1 865,63**	**114,58**	**6,54**
Imitha yombane ehlawulelwa kwangaphambili 800kWh	1 336,38	1 361,83	25,46	1,91
iVAT	187,09	190,66	3,56	1,91
IYONKE	**3 274,52**	**3 418,12**	**143,60**	**4,39**
HPP ukuba iyangena	*77,42*	*83,15*	*5,73*	*7,40*

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - INDAWO YOSHISHINO NGOWAMA-2017/18

Ushishino - luphakathi (isigaba - zintathu) Ixabiso: R3 200 000	Unyaka 2016/17	Unyaka 2017/18	Ukunyusa/Ukwehla isixa-mali	%
Intlawulo	1 914,67	2 056,35	141,69	7,40
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu: **SE7D1+SE8A 1**	517,48	548,52	31,04	6,00
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	41,70	0,00	0,00
Inkukuma **1x ngeveki 3**	438,78	465,12	26,34	6,00
Amanzi 40 kℓ	736,64	780,83	44,19	6,00
iVAT	242,84	257,06	14,22	5,86
INXENYE IYONKE	**3 892,11**	**4 149,59**	**257,48**	**6,62**
Imitha yombane ehlawulelwa kwangaphambili 7000kWh	11 015,86	11 818,50	802,64	7,29
iVAT	1 542,22	1 654,59	112,37	7,29
IYONKE	**16 450,19**	**17 622,68**	**1 172,49**	**7,13**
HPP ukuba iyangena	*191,47*	*205,64*	*14,17*	*7,40*

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - INDAWO YOKUHLALA ENYE NGOWAMA-2017/18

Usetyenziso oluphantsi lombane lweemitha zombane ezihlawulelwa kwangaphambili Ixabiso: R1 000 000	Unyaka 2016/17	Unyaka 2017/18	Ukunyusa/Ukwehla isixa-mali	%
Intlawulo	300,20	322,41	22,21	7,40
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu: **SE7A1+SE8A**	223,47	236,87	13,40	6,00
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	41,70	0,00	0,00
Inkukuma **1x ngeveki**	146,26	155,04	8,78	6,00
Amanzi 15 kℓ	226,08	240,98	14,90	6,59
iVAT	89,25	94,44	5,19	5,82
IYONKE	**1 026,96**	**1 091,45**	**64,50**	**6,28**
Imitha yombane ehlawulelwa kwangaphambili 600kWh	972,56	991,18	18,62	1,91
iVAT	136,16	138,76	2,61	1,91
IYONKE	**2 135,67**	**2 221,39**	**85,72**	**4,01**
HPP ukuba iyangena	*30,02*	*32,24*	*2,22*	*7,40*

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - IZIZA EZINGENANTO NGOWAMA-2017/18

Umyinge wovavanyo Ixabiso: R250,000	Unyaka 2016/17	Unyaka 2017/18	Ukunyusa/Ukwehla isixa-mali	%
IRhafu yePropati	135,21	145,21	10,01	7,40
Ugutyulo olungathungelwa Fumaneka	123,20	108,54	-14,66	-11,90
Inkukuma Fumaneka	73,12	77,51	4,39	6,00
Umbane Fumaneka	254,78	267,52	12,74	5,00
Amanzi Fumaneka	114,93	121,83	6,90	6,00
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	41,70	0,00	0,00
iVAT	85,08	86,39	1,31	1,54
IYONKE	**828,02**	**848,71**	**20,69**	**2,50**
HPP ukuba iyangena	*13,52*	*14,52*	*1,00*	*7,40*

UMGANGATHO WAMANZI KWIZIKIM ZIKAMASIPALA

OKTHOBHA2016 - MATSHI 2017 INGCACISO YOXILONGO	IYUNITHI	DWS AMANQANABA JIKELELE OGUNYAZISO Asebenza kuzo zonke iWWTW ngaphandle wkeHermanus	UMNDILILI WEZIPHUMO ZEESAMPULU YOXILONGO: GANSBAAI	HAWSTON	STANFORD	KLEINMOND	HERMANUS	Imvume yaseHermanus yamanqanaba ogunyaziso
ipH	(pH)	5.5-9.5	7,2	8,2	7,4	7,5	7,4	5.5-9.5
Ukuhamba kombane	(mS/m)	150	119,1	154,7	126,3	94,2	212,0	5000
Ibhakteriya yelindle eyikholifomu	(count/100mℓ)	1000	403	23,0	561,2	317,7	156,8	1000
Ukufuneka kwe-oksijini	(mg/ℓ)	75 Max	43,6	76,9	66,2	51	50,1	75 Max
Iamoniya nayitrojini	(mg/ℓ as N)	6 Max	0,4	25	1,3	10,9	3,6	7 Max
Inayitreyithi nayitrojini	(mg/ℓ as N)	15 Max	9,7	0,9	9,5	2,6	2,3	17 Max
Inayitreyithi nayitrojini	(mg/ℓ as N)		0,2	0,2	0,2	0,4	0,4	
Zizonke iingqalutye	(mg/ℓ)	25 Max	8	17,5	16	9,5	5,8	25 Max
iothofosifeythi	(mg/ℓ as P)	10 Max	5,1	5,2	5,9	4,6	3,5	10 Max

OKTHOBHA2016 - MATSHI 2017 INGCACISO YOXILONGO	IYUNITHI	INQANABA SANS 0241	UMNDILILI WAMANZI ANOKUTHWALWA KWENZIWE UXILONGO: Buffelsrivier (Rooi Els, Pringlebaai & Betty's Bay	Kleinmond	Hermanus	Stanford	Gansbaai	De Kelders	Pearly Beach	Baards-keerders-bos	Buffels-jagsbaai
ipH	(pH) units	≥ 5 to ≤ 9,7	7,3	7,8	7,5	7,4	7,1	7,7	7,5	8,5	7,7
ukuhamba komban	mS/m	≤ 170	28,2	28,9	37,5	81,4	73,0	42,4	51,9	55,3	157,8
ubumtyuba	NTU	≤ 1	0,4	0,4	0,5	0,5	0,5	0,4	0,4	0,6	0,3
ibala	mg/ℓ as Pt-Co	≤ 15	4,5	4,5	5,0	4,0	5,0	4,3	8,3	4,5	3,4
iayoni	µg/ℓ as Fe	≤ 300	24,0	43,7	73,8	-	34,2	-	30,3	48,3	80,3
imanganizi	µg/ℓ as Mn	≤ 100	-	-	19,0	-	-	-	-	44,7	-
ialuminiyamu	µg/ℓ as Al	≤ 300	98,8	63,0	191,5	-	105,7	-	23,3	-	-
iekholi	Count/100mℓ	0	0	0	0	0	0	0	0	0	0

ISebe laManzi noGutyulo (ifinyezwe njenge-DWS) lice-bisa ukuba oomasipala ngamaxesha athile mabapapashe ulwazi ngekhwaliti yamanzi okusela anikezelwa kubasebenzisi-nkonzo. Ikhwaliti yamanzi ilinganiswa kusetyenziswa iKhowudi engu-0241 ye-South African National Standards (efinyezwe njenge-SANS) kumanzi aselwayo. Kwithebhuli yekhwaliti yamanzi aselwayo elapha ngentla, amanqaku angumyinge afunyenwe ngamaziko okucocwa kwamanzi alithoba oMasipala iOverstrand ukusuka ngo-Okhthobha 16 ukuya ngo-Matshi 17 ungabonwa apha ngentla. Iisampuli zamanzi ziqokelel-wa rhoqo ngenyanga yilebhu egunyazisiweyo nalapho iphicotha iintsholongwane, amachiza kunye nobuqu bamanzi. Ikhwaliti yamanzi oMasipala iOverstrand yegqwese nge-100% kumyinge weziphumo kuthotyelwa iKhowudi 0241 njengoko imiselwe yi-South African National Standards (SANS) kumanzi aselwayo. Xa amanzi aselwayo engathobeli i-SANS 0241, kulingiswa kumaziko okucoca amanzi nakuthungelwano logutyulo ukuba kuyimfuneko. Ikhwaliti yamanzi aselwayo iphinda iphendlwe ngokutsha kusetyenziswa imilinganiselo ye-SANS 0241 kujongwa ukuba ithotyelwe kusini na.

Amanzi amdaka aphuma kwimizi-mveliso alinganiswa ngemigangatho emiselwe yi-DWA, nehlelwe njengemi-Gangatho Jikelele okanye imiGangatho eKhethekileyo. Ithebhuli yekhwaliti yamanzi amdaka aphuma kwimizimveliso elapha ngentla ibonakalisa umyinge wemilinganiselo yekhwaliti yamanzi amdaka aphuma kwimizi-mveliso kumaziko okucoca amanzi ama-5 kwezinyanga zintandathu zidlulileyo. Iisampuli zithatyathwa nyanga nenyanga ukuze zihlalutywe ziilebhu ezigunyazisiweyo. Ikhwaliti yamanzi amdaka aphuma kwimizimveliso kuMasipala waseOverstrand ithobela ngokumalunga nama-91% iyonke. Xa ikhwaliti yokugqibela yamanzi amdaka aphuma kwimizimveliso ingathobeli imiGangatho Jikelele, kulungiswa kumaziko okucoca. Ikhwaliti yamanzi amdaka aphuma kwimizimveliso yokugqibela iphinda iphendlwe kusetyenziswa imiGangatho Jikelele ukuze ithotyelwe.

IIPROJEKTHI EZINKULU NGOWAMA-2017/18 KWIIWADI EZAHLUKENEYO

eOverstrand	R	18 375 000,00
ITekhnoloji yoNxibelelwano noLwazi	R	1 620 000,00
Ukucima umlilo	R	800 000,00
Izithuthi	R	9 055 000,00
AmaNgcwaba eeNgingqi	R	200 000,00
Umbane: Iziguquli	R	1 000 000,00
IziXhobo neZakhiwa zaManzi (uNongekehli)	R	200 000,00
Ukuphuculwa kweziTishi zokuMpompa	R	5 000 000,00
IziXhobo zoGutyulo (uNongekehli)	R	500 000,00
IWadi 01 - De Kelders/Blomp/Gb, Masakhane, Fkraal		**R3 140 000,00**
Ukuphuculwa koThungelwano kwemiBhobho yeziKhukula	R	2 900 000,00
IziKhukula - Ukuthintela iimpuphuma kwiipropati ezizindlu	R	80 000,00
Inkukuma - Izakhiwo nezixhobo ekulahlwa kuzo inkukuma	R	80 000,00
IWadi 02 - Gansbaai, Blompark, Beverly Hill, Kleinbaai	**R**	**8 080 720,00**
Ukuphuculwa kweyadi kaMasipala	R	60 000,00
Ukwandiswa kwamangcwaba akhoyo	R	60 000,00
IZakhiwo zoPhuhliso lwabaNtwana abaNcinane	R	100 000,00
IProjekthi eBeverly Hills	R	4 060 720,00
eGansbaai: kuphuculwa kweCCTV, iSCADA, iMINISUB neMV/LV	R	3 000 000,00
Ukufakelwa ngokutsha kwe-Franskraal WTW GENSET	R	700 000,00
UkuCocwa kwaManzi aMdaka – iNxiwa lesiKolo (ImiBhobho yokuHambisa neziXhobo zokuLawula)	R	80 000,00
Izakhiwo nezixhobo ekulahlwa kuzo inkukuma - eKleinbaai IGalelo kwiNdawo yokuLahla iNkukuma luLuntu	R	20 000,00
IWadi 03 - Hermanus	**R**	**7 821 000,00**
AmaBala ezemiDlalo aseHermanus	R	1 171 000,00
eHermanus: UkuPhuculwa/ukuFakwa ngokuTsha kweMV & LV (umbane)	R	2 000 000,00
eHermanus: UkuPhuculwa/ukuFakwa ngokuTsha kweMV & LV (umbane)	R	4 650 000,00
IWadi 04 - Hemel & Aarde Valley, Westcliff, Mt Pleasant	**R**	**5 750 000,00**
IFama kaMasipala: UkuTshintshwa noKongezwa	R	1 500 000,00
AmaLungiselo oluThoba iSantya	R	50 000,00
ImiLimandlela kumxethuka waseWest Cliff	R	150 000,00
Ukufakwa kwepavumente (ngaphambi kwevenkilana)	R	50 000,00
Ukufakelwa kombane kwimimandla yezindlu ezixabiso liphantsi (INEP)	R	4 000 000,00
IWadi 05 - Zwelihle	**R**	**288 000,00**
UkuPhuculwa kwePaki yokuDlala eseWadi 5	R	48 000,00
Ukufakelwa kweziFombo kwisiTalato iAlfred NZO	R	20 000,00
Umlimandlela neziFombo zeSantya kwisiTalato iNtlanzi	R	220 000,00
IWadi 06 - Zwelihle	**R**	**3 903 168,00**
Isakhiwo sokuhlala abaqeqeshi kunye nabadlali abasalindele ukudlala	R	100 000,00
Iprojekthi yaseZwelihle – iNkampi yabaNgcucalazi (166)	R	676 358,00
iMandela Square / Mshenxiswa Village (iNxiwa leGadi)	R	3 076 810,00
Umlimandlela neziFombo zeSantya Kwizitalato iMahela, iPonoane, iNxumalo neSalukazana	R	50 000,00
IWadi 07 - Sandbaai	**R**	**400 000,00**
Udonga / ucingo malunga nesiTalato iEast End	R	400 000,00
IWadi 08 - Hawston naseFisherhaven	**R**	**26 753 763,00**
Ukwandiswa kweZiko iThusong	R	1 495 000,00
UkuPhuculwa kweThala leeNcwadi laseHawston	R	886 164,00
AmaBala emiDlalo eHawston	R	300 000,00
IProjekthi yaseHawston - IRDP (ukwakhiwa kwezindlu)	R	9 372 599,00
eHawston - ukuPhuculwa komLimandlela (oMtsha)	R	100 000,00
Umzila weeBhasi kuLwakhiwo lwezindlu eHawston	R	4 000 000,00
eFisherhaven - ukuFakelwa kweziBane eziTalatweni	R	50 000,00
Hawston: UkuPhuculwa/ukuFakwa ngokuTsha kweMV & LV (umbane)	R	2 000 000,00
Hawston: UkuPhuculwa koBonelelo ngamanzi kwiprojekthi yezindlu	R	4 500 000,00
eFisherhaven - IziKhukula	R	150 000,00
UBonelelo ngemiBhobho yeziKhukula kwiProjekthi yeziNdlu eHawston	R	3 900 000,00

Uphuhliso lobuxhakaxhaka bokusebenza kwindawo yakho

Olu dweliso lulandelayo lunika iinkcukacha ngokubanzi ngeeprojekthi zowama-2017/18.

Nceda uqaphele ukuba inkcitho kubuxhakaxhaka abuphelelanga kwezo projekthi ezidityaniswe newadi nganye. Ukongeza kwiiprojekthi ezikhankanywe phantsi kweOverstrand kukho neeprojekthi ezidityanisiweyo eziza kwabiwa ziiwadi.

IWadi 09 - Kleinmond, Proteadorp	R	5 895 826,00
UkuPhuculwa kweThala leeNcwadi laseKleinmond	R	245 826,00
IziXhobo zokuDlala kwiPaki (IziXhobo zangaPhandle kuNxweme iMain)	R	70 000,00
Impahlana ezincinane: iPaki yoLuntu (kuqukwa neNdawo zokuKhulisa, iMashini yokuCheba iNgca)	R	40 000,00
UkuMiselwa ngokusemThethweni komMandla wokuPaka kwiKona yesiTalato i4th ne-15th Avenyu (Ungqameko lweNdlela oluTsha)	R	30 000,00
Ukwandiswa komZila weNyawo waseHeuningkloof	R	100 000,00
IziFombo zeSantya - Iindawo Ziseza kuphawulwa (ummandla wokuqala ukwisiTalato i11th, eProteadorp)	R	60 000,00
eKleinmond: UkuPhuculwa koThungelwano lweMV & LV (umbane)	R	2 000 000,00
UkuVuselelwa ngokuTsha kweziGutyuli ezinguNdoqo ukuya kw-WWTW PH1	R	3 000 000,00
IsiFaki-moya eSongekileyo eKleinmond WWTW (Iziko lokuCoca Amanzi aMdaka)	R	350 000,00
IWadi 10 - Overhills, Kleinmond, Proteadorp, Mooiuitsig, Pringle Bay	**R**	**4 140 000,00**
UkuPhuculwa kweHolo loLuntu eOverhills	R	200 000,00
IMpahlana eNcinane: iPaki yLuntu (neNdawo zokuKhulisa, iMashini yokuCheba iNgca)	R	30 000,00
IziXhoba zokuDlala ePakini (Ujingi wamaplanga)	R	50 000,00
Ukwakhiwa kwemiLimandlela (EMITSHA)	R	50 000,00
Uvimba waManzi omTsha ePringle Bay	R	3 810 000,00
IWadi 11 - Thembelihle, Eluxolweni, Stanford, B'Bos	**R**	**8 435 000,00**
ImiBhobho yoCimomlilo / iLoli yoCimomlilo	R	50 000,00
Unkcenkceshelo - iBala lemiDlalo (IMpompo, imiBhobho neziXhobo zoLawulo)	R	80 000,00
Ukwandiswa koDonga lomLambo nemiLimandlela	R	50 000,00
UkuPhuculwa kweWWTW - eStanford	R	8 235 000,00
IziKhukula (AD HOC)	R	20 000,00
IWadi 12 - Zwelihle	**R**	**740 000,00**
UkuFakelwa kweeKhamera zokuCupha kwisiTalato iMandela	R	223 000,00
Ukubiywa kweePaki zokuDlala zaseBambani naseSophumelele (KUTSHA)	R	77 000,00
Ukubiywa kweBala le-Basketball kwisiTalato iJikeleza (KUTSHA)	R	100 000,00
ImiBhobho yoGutyulo eKhuphayo 525 MM Ø OHS13.2	R	340 000,00
IWadi 13 - Onrus, Vermont	**R**	**3 400 000,00**
UmZila wokuHamba kwiNdlela yeAtlantic (MTSHA)	R	100 000,00
UmZila weeBhayisekile kwiNdlela iMain eOnrus (MTSHA)	R	70 000,00
UkuFakelwa kwePavumente kwiPuli eseJan Rabie	R	90 000,00
IziBane zasesiTalatweni	R	40 000,00
UkuPhuculwa kwemiBhobho eseKidbrooke	R	3 100 000,00

Ngaphaya kokuvuselela ngokutsha - *Kusondelwa kwimo yokungabikho kweNkunkuma*

Nanjengoko ibichaziwe kumanqaku adlulileyo, ukuvuselela izinto zisetyenziswe ngokutsha ayingomjikelo uvalekileyo, oko kukuthi, isitya seplastiki esivuselelweyo asenzi esinye isitya seplastiki kodwa senza isitulo seplastiki esibekwa epakini nesingena kuvuselelwa sisetyenziselwe into entsha. Ngako oko ukuvuselela into yenziwe entsha, nokwenza ukuba abantu bazive kamnandi ngeenzame zabo, oko akucuthi zidingo zokusetyenziswa kweplastiki entsha kakhulu kodwa kuthetha ukuba ioyile eninzi isasetyenziswa, nesisimbiwa esiphelayo.

Eyona njongo iphezulu yethu kumele ijolise ngasekuveliseni inkukuma encinane kangangoko kwaye oko kuthetha ukwala ukusebenzisa iplastiki esetyenziswa kanye kunye nezinto ezipakishwe ngeplastiki kangangoko sinakho. Oku kungabonakala kunzima, kwaye kunjalo, kodwa thina siyeyona nto ebomini ivelisa iintaba neelwandle zenkukuma.

Ingaba kumele zibengaphi izilwanyana emhlabeni emaziduke okanye imimandla efileyo kwiilwandle ngaphambi kokuba thina sivuke sibone okwenzekayo kwindalo esingqongileyo?

Asinakulindela ukuba iisuphamakethi okanye iikhefi mazibhangise ukusetyenziswa kweekomityi zeplastiki okanye iibhegi zokufaka impahla ethengiweyo xa kusekho isidingo esikhulu sazo esivela kubathengi. Abathengisi basoloko benenkxalabo yokugcina abathengi bonwabile nokugcina ingeniso yabo imi ngendlela. Ngako oko kuxhomekeke KUWE mthengi okhathalayo ukucutha isidingo seemveliso esipakishwe ngeplastiki, ukutya ohamba nako okukwipastiki, iibhegi zeplastiki, iibhotile zeplatsiki, njalo njalo.

Kwaye ukuba abantu bangacutha ukusebenzisa ezi zinto, kungaveliswa ezimbalwa kunangoku. Votela lento uyifinayo nesipaji sakho - kuthiwa ngamandla abathengi!

Thenga ngesixa esininzi apho unakho, khetha iglasi kuneplastiki evenkileni, gcina ufolokhwe ebhegini yakho khona ukuze ungadingi kusebenzisa eyeplastiki xa uthenge ukutya ohamba nako, gcina iibhegi ezinokutyenziswa kwakhona zokuthenga ezivenkileni zikufutshane, musa ukuthenga izinto ezisongelwe ngeplastiki kakhulu okanye izinto ongazidingiyo. Cinga ngokuba yimali ongayonga! Cinga iinjongo zakho. Ukuba ulahla inkukuma ngeplastiki yenkukuma rhoqo ngeveki, zama ukuyenza lo nto ngenyanga, okanye qala iziko lokuvundisa usenza umgquba okanye ibhakethi yeBokashi. Siza kujonga ukuba ungacutha njani ukuvuselela ngokutsha kwento esetyenzisiweyo kule nyanga izayo. Ngolwazi oluthe vetshe nge"Cinga kwakhona ngebhegi", nceda uqhagamshelana noFiona kwezi nombolo 082 373 6607 okanye utyelele iphepha likaFacebook. Cinga kwakhona ngokusebenzisa iipastiki ezisetyenziswa kanye.

Iibhodi zemiqondiso kwiipali zeerobhothi 'azifuneki tu kwaphela'

Ngelishwa imiqondiso kwiipali ezithile ezitalatweni, kuqukwa ezo zifakwa kwiipali ezinomqondiso wokumisa, kwakunye nebhodi ezi-A neezikhoji ezithwele imiqondiso ezimiswa ecaleni kwendlela zingabanga ukusitheleka nokuphazamiseka kwabaqhubi ngelixa beqhuba. Ke ngoko oku yingozi, kungako oko imiqondiso ilawulwa ngomthetho kamasipala," licacise ngelo iLungu leKomiti kaSodolophu elijongene neeNkonzo zoKhuseleko, uCeba Arnie Africa. Ukongeza koko, iintengiso nemiqondiso yangaphandle kumele ingathinteli ukusebenza nokhuseleko lwasezindleleni kunye/okanye abahambi-ngeenyawo. Kwaye akumele ichaphazele inkangeleko yedolophu ngendlela ebonakala ngayo, isayizi okanye ukubengezela kwayo le miqondiso. Imiqondiso engekho mthethweni exhonywa emacingweni nasemigqomeni inganempembelelo embi kwindalo ezingqongileyo iyonke.

NgokukaCeba uAfrica, amagosa onyanzeliso lomthetho sithetha nje amaxhaphetshu akwiphulo lokususa zonke iiphosta ezixhonywe ngokungekho mthethweni kwiipali zeerobhothi nezemiqondiso yokumisa ezitalatweni njengenxalenye yomsebenzi wokunyanzelisa umthetho kamasipala.

"Eminye yemiqondiso ibekelwe ezantsi kakhulu kangangokuba inganobungozi kubahambi-ngeenyawo kwindledlana ezisecaleni kwendlela," wongeze ngelo. Uphinde wathi imiqondiso yeentengiso ayivumelekanga tu kwaphela nakweyiphi na ipali enxulumene nezendlela.

UMasipala waseOverstrand ubhenele kuluntu loshishino ukuba lulandele indlela emiselweyo yokwenza iintengiso ngokungqinelana nomthetho kamasipala ongokuxhonywa kweentengiso nemiqondiso ngaphandle.

Abanini-mashishini kunye namaqela anomdla bangaziqhelanisa nalo mthetho kamasipala kuthethwa ngawo kwiwebhusayithi kamasipala tyelela **ku www.overstrand.gov.za, cofa ku-By-laws emva koko ucofe ku-Outdoor Advertising and Signage.**

Isicelo sokwenza iintengiso kwiibhodi zokuxhoma iintengiso kunye/okanye iphosta kumele ziphunyezwe ngumasipala ngaphambi kokuba zixhonywe. Ukungaphumeleli ukufumana uku-phunyezwa ngumasipala kungakhokelela ekubeni umasipala azisuse ngoko nangoko.

Ungumfama? Ungafumana isaphulelo!

Ipropati zolimo zingahlawuliswa phantsi kweerhafu zee"FAMA", ngokuxhomekeke ekubeni umnini/umfama ubonelela umasipala ngobungqina bokuba loo propati isetyenziselwa iinjongo zokulima nokufuya ngokunyanisekileyo. **Iifomu zezicelo zifumaneka kwiwebhusayithi yethu, www.overstrand.gov.za. Nayiphi na imibuzo ngokumalunga noku kungentla ingabhekiswa kwiCandelo leeRhafu eOverstrand iRates and Data Control Office kwezi nombolo zefowuni 028 313 8000, ifeksi 028 312 1894 okanye ngeimeyili: enquiries@overstrand.gov.za** **Iqalisa ukusebenza ngowo-1 kuJulayi 2017*

Ingaba udla umhlalaphantsi? Ungafumana isaphulelo!

Abantu abadla umhlalaphantsi nabo bakhubazekileyo bangafumana isaphulelo esikhethekileyo kwiirhafu zeepropati, ngokuhambelana nengeniso yomzi yenyanga iyonke. Khona ukuze usifumana esi saphulelo:

- Umnini / abanini kumele babengabemi boMzantsi Afrika
- Umceli / abaceli kumele ukuba babhaliswe njengabanini-propati
- Abanini kumele ukuba bahlale kule propati njengendawo yabo esisiseko sokuhlala.
- Abanini kumele ukuba babeneminyaka engama-60 ubudala okanye babe bafumana imali yenkamnkam evela kurhulumente
- Ingeniso yomzi ngenyanga enye kumele ingaphindwaphindwa idlule izihlandlo ezisibhozo zenkamnkam efunyanwa ngenyanga ngabadla umhlalaphantsi ovela kurhulumente
- Ipropati mayibe nendawo yokuhla abantu enye kuphela
- Abafaki-zicelo kumele bangabi nabunini kwezinye iipropati.

Iifomu zezicelo zifumaneka kwiwebhusayithi yethu, www.overstrand.gov.za. Nayiphi na imibuzo ngokumalunga noku kungentla ingabhekiswa kwiCandelo leeRhafu eOverstrand iRates and Data Control Office kwezi nombolo zefowuni 028 313 8000, ifeksi 028 312 1894 okanye ngeimeyili: enquiries@overstrand.gov.za. **Iqalisa ukusebenza ngowo-1 kuJulayi 2017*

Ikhonkco phakathi kwe-IDP noHlahlo-Lwabiwo-Mali lwango-2017/10

IBhunga loMasipala waseOverstrand lithe laphumeza isiCwangciso soPhuhliso esiHlangeneyo (sifinyezwa njenge-IDP) seminyaka emi-5 sikamasipala sesithuba sexesha lowama-2017/18 - 2021/22. I-IDP liqhinga leBhunga. UHlalo-Lwabiwo-Mali lufezekisa i-IDP ngokuphawula ukuba izimali kumele zichithwe kweziphi iinjongo zeqhinga eli. Izihlomlo zazifunyenwe kumaxwebhu ayilwe ngesithuba sephulo lokuthetha nabahlali ngoHlahlo-Lwabiwo-Mali ne-IDP ngoEpreli 2017 kwaye zadityaniswa kwizicwangciso zokugqibela, apho kufanelekileyo.

UHlahlo-Lwabiwo-Mali lukamasipala lwango-2017/18 lukwisixa-mali se-R1,135 yeebhiliyoni eziya kuchithwa kwinkcitho yemisebenzi kamasipala (efinyezwe nje-OPEX) kunye nama-R97,6 eebhiliyoni ayakuchithwa kwinkcitho enkulu (efinyezwe njenge-CAPEX).

IOPEX isetyenziselwa iinkcitho zemisebenzi yamihla le kamasipala kwaye ama-50% athe abelwa ubonelelo nokhathalelo lweenkonzo zikamasipala. Ama-20% aya kuchithwa ekuboneleleni ngolawulo olunedemokrasi, oluselubala nolusemthethweni kunye nokukhuthazwa kophuhliso lokhenketho, uqoqosho nentlalo. Intsalela ye-0,28% ne-10% ziya kusetyenziselwa ukuquzelela intatho-nxaxheba yoluntu enesakhelo kwimicimbi kamasipala nokudala kwaye kugcinwa imeko esingqongileyo ekhuselekileyo nesempilweni.

ICAPEX isetyenziselwa uphuhliso lwezakhiwo nezixhobo (iiprojekthi zezakhiwo ezinkulu) kwaye ama-69% ama-R97,6 eebhiliyoni ohlahlo-lwabiwo-mali olukhulu aya kunikelwa ekuboneleleni nasekugcineni zisebenza iinkonzo zikamasipala. Ama-31% ayintsalela aya kusetyenziselwa iiprojekthi ezinxulumene neenjongo zeqhinga le-IDP lokuphuhlisa ukhenketho, uqoqosho nentlalo, kudalwa imeko esingqongileyo ekhuselekileyo nesempilweni, kuququzelela intatho-nxaxheba yoluntu enesakhelo kwimicimbi kamasipala, nokubonelela ngolawulo olunedemokrasi, oluselubala nolusemthethweni.

Izidingo eziphawulwe kwi-IDP azifumani zimali zonke kumasipala. Izibonelelo zezimali ezivela kurhulumente kazwelonke nowephondo, nezenza i-14% kuhlahlo-lwabiwo-mali lwango-2017/18 lukamasipala, luquka imibandela enjengolwakhiwo lwezindlu, imfundo, impilo, amathala eencwadi imidlalo nezolonwabo. UMasipala waseOverstrand uza kuqinisekisa ukuba ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kwezimali kubekwa iliso elibukhali kwaye izidingo zoluntu lwethu ziyasonjululwa kusetyenziswa uhlahlo-lwabiwo-mali olwenziweyo nolukhoyo kuphela.

Izinja neeNdawo zoLonwabo zoLuntu: Ukukhutyekiswa koluntu 'ngumqondiso omtsha' ' othi akufuneki zinja kunxweme iOnrus

Umqondiso omtsha othi "akufuneki zinja elunxwemeni" obonwe ngempelaveki ethile kuNxweme iOnrus ucaphukise abantu ababhamba nezinja ebebekade besenza oku iminyaka ukulolonga izinja zabo. Lo mqondiso uthe wasuswa.

Izinja kumele zihlale zibotshelelwe

Nangona izinja ziseza kuvunyelwa ukuba zingene kolu nxweme, ukuhambahamba kwazo kuza kuthintelwa ngokuthobela umThetho kaMasipala ongeZinja neeKati,

ICandelo 6(2) no-(3) lalo mthetho kamasipala uuchazwe apha ngentla licace gca kwimeko nakukutolikwa kwalo: "Akukho mntu ungavumela nayiphi na inja ukuba ibe kundawo yokuluntu ngaphandle kokuba lonja ibotshelelwe. Qaphela ukuba iindawo zoluntu ziquka naluphi na unxweme, iindlela, umzila, ibhulorho, imilimandlela okanye igadi; kunye nayiphi na enye indawo engaphantsi kolawulo lukamasipala".

Umnini wenja osebenzisa amanxweme aseOverstrand athe afumana iwonga le-Blue Flag, oko kukuthi, iGrotto, iHawston neKleinmond, kumele bahloniphe lo mgqaliselo othi akufuneki zinja kula manxweme xa i-Blue Flag ibhabha.

Abanini bezinja bakwacelwa ukuba bangangcwabi ituwa yezinja esantini okanye bayijule elwandle. Kudingeka ukuba bacoce okwenziwa zizinja zabo kwaye balahle ituwa leyo kwimigqomo elungiselelwe oko.

Naluphi na ulwaphulo mthetho lingaxelwa kuNyanzeliso lomThetho kwezi nombolo 028 313 8980 okanye kwigumbi lolawulo lwaseOverstrand kwezi nombolo 028 313 8000/8111.

OOPROFESA ABANCINANE ABABINI BAKUBA BETSAL' UMXHELO WABABUKELI BASEOVERSTRAND!

Ngemva kwemini yangeCawa, wama-23 kuJulayi, iOVERSTRAND ARTS/KUNSTE (OAK) iya kube isindleka ikonsathi yesibini esibetha ipiyano, uSpina noBenignetti. UEleonora Spina noMichele Benignetti abavela eIthali bakubudlelwane ukusukela ngo-2013 kwaye bangabagqwesileyo befumana amabhaso kumakhuphiswano amaninzi amazwe ngamazwe ababethi-piyano. Izandla ezine kwipiyano enye, esi sibini siya kube sidlala imisebenzi kaMozart, uRachmaninov, uLombardi noBarber. *Ikonsathi le iya kube iqhuba kwiOdithoriyam yoLuntu eHermanus kwaye iqala nge-15h30. Tsalela iOFISI yoKHENKETHO kwezi nombolo 028 312 2629 ukuze ubhukishe. Amatikiti li-R140 nama-R60 kubafundi. Tsalela uRené du Plooy kwezi nombolo 082 940 4238 ngemibuzo eyongezekileyo.*